

Imvo Zabantsundu

(NATIVE OPINION.)

Authorized medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAMS TOWN, NGOLWESI-NE SEPTEMBER, 1890.

[No. 303~

KING WILLIAMSTOWN ADVERTISEMENTS.

IXESHA LO MCHEBO!

Beauchamp, Booth Co.

(EBIYEKA J. J. IRVINE & CO.)

Eyona venkile yengubo ezilungileyo, nezitshipu edolopini apa.

Ihempe zamadoda ezinamaqosha e perile 1/6 inye.
Ibhulukwe ze stofu 3/, 5/ inye.
Ibhatyi zamadoda 5/, 6/9 inye.
Ibhatyi ze twidi emnyama 15/, 18/6 inye.
Ibhulukwe ze kodi egwangqa ezilungileyo 7/6 inye.
Imiqwazi yamadoda eyi Soft felt 1/9, 2, umnye.
Ityali zoboya 5/, 6/, 7/, 8/ inye.
„ „ ezilunge kwayekwa 10/, 12/6, 15/, 18/, 20/ inye.
Iprinti (ezimabala), i pattern 6d., 7/d., 9d. iyadi.
I Winzi zohlobo 6d. ngeyadi.
Ikeleko 2/d., 3d., 4d., 5d., 6d. ngeyadi

Ilokwe Zokutshata, Iminqwazi Yoku-
tshata, YONKE Impahla
Yokutshata.

BEAUCHAMP, BOOTH & CO.

E-QONCE, KING WILLIAMS TOWN.

Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

BOURKE no MARSH,

E Nyutawini nakwisitalato esipambi
kwe ofisi ngase mcantcatweni.

GRAHAM'S TOWN ADVERTISEMENTS.

BON MARCHE

[Apo Kutengiswa impahla entle ngamanani
angemakulu],

GRAHAM'S TOWN.

Saneke Ityali ezitshipu kanye, ifishini ezona zintsha, ziqala kwi 3/- inye.
Ikaliko Emhlope ne Brown, iqala 2d. yd.
Amicako etungelwa kwi Blanket, iqala 4/d. yd. Ezona Ntlobo zintsha ze
Print, 3d., 4/d., ne 6d. yd. Iqiya ze Keshemiya. Ezimnyama nezamanye
amabala 1/- inye, Iblanket zoboya ziqala 5/- inye.
Amabhayi 2/- lilinye; i Cotton Sheets 1/6 inye.

YONKE IMPAHLA YABATSHAKAZI!!

I Dress zenziwa apa, ngezona ndlela zigqitiseleyo, yi Ledi
esand' ukuvela e-England.

INGUBO ZAMADODA.

IBHULUKWE ZE KODI, ziqala 5s. inye.
IBHATYI ZE KODI, ziqala 10s. inye.
IBHULUKWE ZE STOFU (Tweed), ziqala 2s. 11d. inye.
IBHATYI ZE STOFU, ziqala 6s. inye.
ISUTI Emhlalayo umfana ifishini entsha, 21s.
IHEMPE, 1s. inye.

Oze kutenga apa ngokivalatiswa yi "Mvo" maze akuxele oko. Ukuba utenge
ngexabiso eligqite kwi ponti enye uyakubuye ayinikwe ishelen ngeponti nganye.

JOHN: W. BATES & CO.,

Kwi Kona ye Bathurst Street ne Church Square,

GRAHAM'S TOWN

EKA GRAY

Incindi Epitekeziweyo

-YE-

LINSEED NE

Lelona Yeza le NKOHLOKOHOLO INGQELE, nazo
zonke Izikuhlana zo MQALA ne MIPUNGA.

1/6 NGBHOTILE.

2/- UTUNYELWENGE POSI.

Ngamanani Nanganye kwa
P. GRAY, Chemist and Druggist,

CAMBRIDGE ROAD,
KING WILLIAMS TOWN.

KO-TITSHALA.

KUFUNWA u Titshala we Sikolo Base Tshatshi
Emacibini. Umntu otshatileyo okwaziyo
ukuhambisa umbedesho nentshumayelo nge Cawa ;
umntu loluhlobo uyafunwa kakulu. Umvuzo
ngamashumi amane eponti ngonyaka, nomhlaba
wokulima. Abo bayifunayo londawo mababhalele
ku

REV. M. A MAGGS, 3i49 Bolotwa,
Imvani.

ABATSHATILEYO.

SEPTEMBER. LIBERTY. — Katshatiswe e Tinara
nge 27th August, 1890 ngu
Bev. W. B. Rayner u Rev. M. SEPTEMBER wase
Colesberg no Miss L. A. LIBERTY wase Tinara.
2i119

ABAZELWEYO.

MACEMBE. — Inkosikazi ka ROBERT MACEMBE
e Port Elizabeth ibeleke
Unyana ngo 20 August, 1890. 3i189

MAYISELA.—E Dulcies Nek, Herschel, ngo 15
August, 1890, u Mr. TIMOTHY
K. MAYISELA ubeleke UNYANA. 3i119

IMIBIKO.

SIHAWU.—Kubhubhe e Sheahegu nge 19th
August, 1890, u ANNIE SIHAWU Inkosikazi
etandekayo ka Dubula Sihawu, Intombi epakati ka
Africa Mbere, emva kokugula okufutshane
kwentauku ezintandatu yifiva. Izihlobo mazamkele
lombiko. Ushiye usana luntsuku ntandatu
lubelekiwe. 3i119

ISAZISO.

NDIYA wazisa umzi wakowetu ose Maxhoseni,
Embo, e Natala nase Dayimani, ukuba mna, ugama
lingeantani, ndivule Ikaya Labahambi apa. Yeyona
ndlu ikufupi ne Railway Station, e Kowie Street,
kufupi ne bhuloro ekutiwa yi Dundas Bridge, apo
nofumanisa kona impato efanelekileyo, izixhaso
nokulala okufane. lekileyo, ngamanani apantsi
kakulu. Kuko nesitali samahashe esine groom
epapame kunene,

ROBERT XHOLLA,
Kowie Street.

Graham's Town,
28th June, 1889.

KO TITSHALA.

KUFUNWA Umfundisi Wentsapo ongu
Mtsketsi, oteta Isisutu (ontsundu nokuba ngo
mhlope), owoncedisa Ezinkonzweni. Umvuzo
ngofanelekileyo. Oyifunayo wotumela ku REV. O.
JOHNSON, St. Augustines, Rorkes Drift, Zululand.

10it4990

Ikaya Labantsundu.

UKUTYA UKUTYA !!

Ndinawo Umbona na Mazimba, Imbewu
Yengqolowa ne Tapile, ngamanani ALULA konke-
na.

PAUL XINIWE, General
Agent.

King Williamstown, 13th August, 1890. st2111

ISAZISO.

UKUBA Inqwelo ka MONONA wesika Xegwana e
Qitsi, kumandla wase Ngcobo, eyayize kukandwa,
esekukndala igqityiwe, ayikuluhlanga ibhatatalelwe
ngu mniniyo kwisituba esipakati kwe VEKI
EZINTANDATU kususela ku 9th AUGUST ozayo,
iya kutengiswa ihlaule indleko zonke. Witness: A.
GONTSHI,
Agent for Chas. Pendleton, Exonxweni,
Ngqamakwe, 31st July, 1890.
CHAS. F. PENDLETON, Blacksmith and
Wagon Maker, 6i119 Gqogqorha, Transkei.

Ikaya Lendwendwe.

SIYAZISA ukuba "Ikaya" sisaligcimile apa
e. Komani, Amagumbi, nezitale, nentlalo yonke
ilungile kakulu, ezantsi kwe Marike.
R. T. NUKUNA A CO., Calderwood

KING WILLIAMSTOWN ADVERTISEMENTS.

DYER-DYER

EQONCE, KING WILLIAMS TOWN.
Bafikelwa yinto eninzi yempahla ukongezelela kwebihleli iko.

INGUBO EZINTSHA,

ZABANTSUNDU KANYE,

(Ngo Stemele bonke).

QONDANI:—Zitshipu Ngakumbi

Ihempe zamadoda zokusebenza ziqalela kwi 1s.
Ihempe zamadoda zangapantsi ziqalela kwi 1s. 3d.
Isuti zezitofu ezinzinzwa ziqalela kwi 17s. 6d.
Ibhatyi zezitofu ezinzinzwa ziqalela kwi 9s. I
bhulukwe zezitofu ezinzinzwa ziqalela kwi 1s.
Indulubhatyi zekodi ZITSHIPU 2s. 9d.
Ezamadoda Ibhatyi Zokwaleka Ezinzinzwa 8/-.
„ I-Ondulubhatyi ze-Lakani, 16.
„ I-Bhulukwe „ 2/-.
„ I-Bhatyi „ 2/- and 3 6.

Isuti, Ibhatyi, ne Bhulukwe ze Diagonal Emnyama.

Isuti Zokutshata zipelele 38/6.

Iminqwazi emitsha, Izihlangu, Ibhatyi Ezinkulu, Amaqhina, Izikafu, Ikalala, Iblankete Nezibhalala, njalo- njalo.

Iondulubhatyi zezitofu 1/6.

Idyasi zemvula 8/6.

Ibhulukwe Eziluhlaza 2/.

DYER NO DYER,

KING WILLIAMS TOWN.

UFUNA elona xabiso lilungileyo nge NQHOLOWA UMBONA,

AMAZIMBA, nokuba ZITAPI- LE,

Ufuna IMBEWU ELUNGILEYO yokuhlwayela.

Ufuna owona MGUBO, nokuba zinkozo ezilungileyo zokutya.

Ufuna IMPAHLA yako ngenhengiso nokutenga e Marikeni

TUMELA okanye UYE

GILBERT BOX AND SON,

MARKET SQUARE,

KING WILLIAMS TOWN.

TRANSKEI ADVERTISEMENTS.

Kutengiswa Ngemvumelano.

"T FAM engu No. 1, e Kei Mouth, 2,000 Acres. JL Kanjalo i
Fam engu No. 2, e Kei Mouth, 1,500 Acres, imelene nengu
No. 1. Ezi Fam kutiwa zezona zizilungeleleyo inkomo kulo
lonke i Pesheya kwe Nciba. Zinamahlali namanzi
ngokwaneleyo. Kananjalo kuya kutengiswa Ibhokuya
ezimbini ezintsha ezenziwe ngemiti eyomileyo yodwa.

Bhalela ku GEO. TROW, Teko Springs, kumandla
wakwa Centane, Transkei.

3ii 89

GIBBERD & BRYANT.

BADWELISE

IMPAHLA ENTSHA!

IFRINTI EZINTSHA IZITOFU

ZELOKWE EZITSHA.

ITYALI! ITYALI!!

EZE 4/- ITYALI EZE 4/-

EZONA ZILUNGILEYO E QONOE.

ETYALI ZE KESHEMIYA, Amabalana onke.

IZIHLANGU NE SHUZI EZINTSHA.

INGUBO EZINTSHA.

GIBBERD & BRYANT.

Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ontsundu ucecelwa ukuba ukangelise lamayeza abalulekileyo.

Elika
COOK Iyeza Lesisu Nokuxaxazo.
1/6 ibotile.

Elika
COOK Iyeza Lokukohlela
(Lingamafuta).
1/6 ibotile.

Aka
COOK Asafuta Ezilonda Nokwekwe.
9d. ibotile.

Elika
COOK Iyeza Lepalo.
1/6 ibotile.

Ezika
COOK Ipils.
1/ ngebokisana.

Eka
COOK Incindi Yezinyo.
6d. ngebotile.

Oka
COOK Umcima Westepu zabantwana.
6d ngebotile.

Oka
COOK Umgutyana Wamehlo.
6d ngesiqunyana.

Oka
COOK Umcima ze Cesine. 1/6.

Niqondise ukuba igama ngu

G. E. COOK, Chemist,
E QONCE.

uba ngawenkohliso angenalo igama lake

Bonisani! Bonisani Ihashe.

INKATYANA ebomvu yehashe inomtshi.

BO (8.M.), yacandwa kwindlebe yase kohlo, yaye inentaambi kumanqina angapa. mbili, nendawo eyake yasilonda kutete lomlenze wase kunene. Lilahleke ngase Qombolo Emamfengwini ekualeni kwale nyanga. Olibonileyo wohlawula kakuhle. Abhalele ku P. S. MAZWI, Tabase, Umtata. — 2149

EDWARD T JONES,

(Obefudula ekwa Attorney R.
W. ROSE-INNES.)

UNGU MTETEU-MATYALA,

*Umbhali we Mvumelwano, no
Mguquli-Magama Etaitile.*

ZE KOKSTAD,
EAST GRIQUALAND.

Iveki.

NGE-CAWA, 24 August, kuko intokazi efumene intombi ezimbini zikatshwa ngum-nakwazo, Elukolweni Lwenyanga: Esoisatatu sipiile zonke.

SIBHEKISA umbulelo kubahlobo abasitumela amapepa e Mvo esasenze isicelo ngawo kwakulomqolo. Siyifizele into esibe siwafunela yona.

E-KAPA kuko inteto yokuba u Sir Langham Dale uya kusishya ekufeni konyaka isihlalo sake sokuba engu Mpatiswa Mfundo, ukuba apumle. Wasitabata ngo 1859 saye besisesika Dr. J. Rose-Innes.

NGOLWEELE TATU Iweveki ezayo (10 Sept.) iyakubalala e Nyara Ijaji; i ngolwesi-Hlanu (12) Iwayo loveki ibese Bhofolo.

IRENE lase Bhai u Mr. Charles Girdlestone lizidubule ebucotsheni ukutshona kwelanga ngo Mvulo wegqitileyo. Ukwenza oku ikali yake imlindle ngapandle ukuba imgoduse knba ehala ngapandle kwe Bhai e Walmr. Lomnumzana ushiya umhlokazi nabantwana ababini. Ikwazizitukutezi zemali ezibange ukuba azidubule.

KWELIPEZULU ngakoma Barkly East bake bafumana invula ngeziveki zigqitileyo.

IKABA elaka lapantsi kwemfundo pantsi ko Mr. A. Goodger e Lovedale liyakuvuyiswa kukuva ukuba umiselwe ukuba ngu Nocanda wa-Komkulu Oncedisayo kwelama Betswana. Umvuzo weso sihlalo yi £1,000 nkonyaka.

KUTIWA kufunyenwe amalahlle e Lututu (Sterkatroom).

UM'BULALI ongumlingu womfazi nomntwana wake uxhonywe e Rini ngolwesi-Ne lwepeleleyo.

U RULUMENI unomcamango wokulungisa i Balakisi yamajoni e Bhofolo, ayenze i Hospital yabaneqenqa yemimandla yabeli lasena Xhoseni. Abapheya kwe Nciba bazakwenzelwa eyabo nabo.

KUMSITO wempabla obuse Toleni yase Cumakala, ngolwesi-Tatu lweqgitileyo, igusha zihambe kwi 18/9; inkabi ezintle kanye zenkomo zafika kwi £9 15s.

KUVAKALA ukuba u Mr. Bertram obemele kwi Nkundla Yengwevu isitili se Mpumalanga akasakuba sangena kumnyadala wonyulo oluzakubako.

KWALATWE u Sir Langham Dale, K.O.M.G., LL.D., M.A., ukuba afabate isihlalo sokuba Yinkulu Yebandla Lemfundo Epakamileyo (Chancellor of the Cape University) lala Koloni ipetwe e Kapa esikundleni somfi u Right Hon. Earl Carnarvon.

NGALONYAKA mkulu umonakalo owenziwe lilanga kwelasema Qwatini.

NGOKUTENGISELA abamnyama utywala into engu J. W. Chetwynd e Johannesburg idliwe £50.

IFAMA elingu Mr. Van Heerden e Wasch. bank Glen Grey lifumene ilahleko yokutsha kwegusha ezi 500 bekusishwa ilizwe.

ULAULO lwase Transvaal lunike imvume ku Mr. A. L. Lawley ukuba ake indlela kaloliwe pakati kwe Pretoria ne Johannesburg nge £100,000.

INGXOWA zomgubo zelitye lika Makahlane e Tyume zitengiswe e Bhofolo ngezicawa zigqitileyo nge £2 2s. ingxowa

INTLANGANISO yonyaka ye Bandla Lemfundo Epakamileyo (Degree Day) iyakuba ngolwesi-Hlanu olu e Kapa.

LE yinyanga yokugqibela ye kwata esingavuya abasenezikweli kwi Mvo bewagqibile amatyala ngalenyanga kuzo sibe nokulungisa incwadi zomsebenzi kapukape.

UVOTO olube luko e Somerset East nase Nyara lelungu le Palamente esikundleni sika Sir J. A. de Wet, ngo 26 August, lube lolufudumeleyo. Ingekafiki ingxelo yendawo saye—i Rietvlei—ebesemi ngoluhlobo amadoda : u Mr. G. M. Palmer 588; Mr. H. I. J. Moolman 569.

IFAMA elingu Mr. Jurgen ngase Kapa ufunyenwe efile nabantwana bake abatu; baye abantwana ababini abangafanga nomina befumane bazindongela ezingaxeli nto nazo kwayilento ibulele abanye. Kobona kala ukuba baraxwa ngumsi wesikuni esitile esimsi ungalungileyo esasala sivuta kulule.

NGAPA ngase Tinaru kute indoda enkulu entsundu ibitshaya kwateha ilizwe, yaye ibe inabantwana abatu, ete xa yenza imigundo yokuwucuma watsha omncinane, kwapela ngexsha elingepi.

IZIHANGE ezimhlope ezitatu ziqubisene ' nomlungu wevenkile e Ermelo, e Transvaal, ngale igqitileyo, zadubula isicaka sake esimnyama safa, naye wemka nelopisi akufa, zonke into abenazo zipangye.

NGETUBA lodaba olungokufika kwesifo esibhubhisiyo (Kolera) e Natal, u Rulumeni wale Koloni udale i Bhodi yokukungela into enizenziwe ukunqanda ukungena nokusetyenzwa kwesifo kumda we Natal ne Koloni. Amanene amisiweyo ngo Mr. C. J. Sweeney, R.M.; Dr. Gibb, Dr. Guild, Mr. A. B. Williams no Mr. W. E. Stanford, C.M., base East Griqualand.

IMIGAQO yololiwe oya e Bloemfontein sekusele imayile ezi 20 angene kulowomzi. Uyakauleziswa.

IGADA lokuqala lololiwe osuka e Mombasa oya e Nyanza lselinqikwe,

IKE yana kwindawo ezilunge nolwandle ngeveki egqitileyo babanako nokulima.

INDODANA engu Joseph Meken ebeseke sate ibipambi kwamatyala omantyi wase Qonce ngokushunqula indlebe yomlungu ongu Avis, Umtshtshisimatyala ulibuyisele kwimantyi. Umncedisi mantyi u Mr. Gerhardt umdle £10 okanye inyanga 5, namanzi etyuwa intsu ku 18 ngenyanga; u Ngova udliwe £5, okanye inyanga 3.

I Palamente Yokugqibela.

INTLANGANISO yeli bandla eyahlukene ngolwesi-Tatu, 20 August, iyebalulekileyo. Yaqala ngo 29 May kupete umana ka SPRIGG nowabo, kwaye oko kungati abasakuba sapuma ewongeni sakuqonda ubukulu benani elibe limxhasa. Kanti kungeko bani waziyo nje — naye waycugalindele— isandla esingabonwayo sesimbhalile u“Mene, Mene, Tekel, Ufaresin” ezindongeni zamabhotwe e Kapa. Sekufuneka ukuba angenise umnata wololiwe ukuba ijike imqwenge impi abete lemnyaka wayama ngayo. Abaloliwe baqetulwa ngetuba lokuba beya kuwushiya ebunzimeni umzi ngerafu, baye bengangeniswanga ngenlelelelo. Iti ke impi eninzi iswela kelve kumtemba apo u Sir GORDON ukuba angaba yindoda enokupatiswa umzi; kubonakale ukuba make kusonde zwe amanene la abehlala ebambene nawo kakade abete amisa u Mr. SAUER ukuba abe siteti sawo. Ukwizandla selohlelo ke ngoku umbuso. Bunjalo ubukhosi balomzi sipakati kwabo; bezifanelwe kutabata izifundo imbama ezaye zi-kokkla imfama ngexesha levoti ukuba kuyekwe icala elinyaniso kumkiwe necala elingaba lise wongeni. Besizakuba yintoni namhla njengokuba kubuswa abaya bahlobo betu kwakusitiwa masibanike umva kuba bengeko ebu Rulumenini

Umunuzana ongu Mongameli we Mbumba yama Bhulu u Hon R. P. BOTHA unenteto ayenze e Richmond ngeziveki zigqitileyo, waye egxotisa u Sir GORDON ngetuba lokuba esiti ungunhanahanisi ote oko ebeseondezwe embusweni ngabo ma Bhulu wangati ngumhlobo kanti entliziyweni lutshaba lwabo. Utsho lomnumzana wakananya inteto ezimbi ngama Bhulu ezawa emlonyeni ka Sir GORDON e England; waqokela ebonisa ukuba umzi wafakwa emfazweni yaBesutu ngu Sir G. SPRIGG kwacitwa inyabalala abasarola amatole alomali nanamhla. Xa aputume lonteto-ke u Mongameli we Mbumba ya Mabhulu, uti yintonina abebeteboniwa ngayo ngu Mr. SAUER, ngowogazi kubo, ukuba bangamsondezi. U Mr. SAUER ubachase entweni zemfanelo, waye engazange awenze into embi ama Bhulu.

Kusemhlotsheeni ke ukuba kungokunyanisa kwake abukwayo namhla lomnumzana sibe isiva sivuka naye tina lemnyaka ngenxa yenteto zake zobulungisa. Le Palamente ipelileyo nangapandle kokuti isikolise tina ngokusondeza u Mr. SAUER, incede umzi mayelana nenguqulo empatweni ebingekagqitywa ukunqondwa ngamawetu naoahlobo bawo. Uyalwazi umzi uhlobo esim'bongoze ngalo umnumzetu u Sir GORDON ukuba abeke pantsi ipika mayelana nezinguqulo; wave selenyantsula

“ Usityuda sezityuda ngokwenene.”
Ite yakumqetula i Palamente aqetulwa namacebo ake ngati ebekubonakala ukuba ebengengawo awoncedo; kuba bekungeniswa ubu Koloni nje bekugushwe ukuhlutwa kwemihlaba yamawetu itengiswe kwabamhlope— ibe ngumvubo wamawetu nabamhlope. Elo sheyi alipumelelanga. Inguqulo ezikaulezayo azilungile kumzi ontsundu le Palamente yokugqibela isuike ituba elihle lokuti sizicikide sipolile inguqulo nento eziya kusebenza yona. Ukuba ke ayinanto isisimbuku isenzele yona, incede ngendlela yokusihlangula kwinkatazo esibe singabazi ubukulu bazo.

UKWAKA.

I ZINDLU ehla kuzo inkoliso yamawetu asizo zindlu, ngama-pempe kodwa alata ukuba kwindawo amiswe kuzo kusaza kwakwa. Kekwako ixesha elide ekubonakele ukuba ezizindlu zakiwe kweziduli kuhleliwe kuzo akusacingwa ngo-kwenziswa ezona, zokuba abantu bemile kwindawo zabo. Umzi-ke, ngakumbi ongacandileyo, ute wafumana inxwaleko ngokuti ubonakale ungazelwe nto ngum'buso kuba seloko ubonakala uchopile ngoku kungaki kwawo. Baninzi abate bafuduswa ngokukapukapu kuba bete ukwaka banga ngabantu abayindlela. Kumnandi ukubona impawu zokuba liyaqondwa kungoku ixabiso lezindlu ezikangeleka ngohlobo ati nomhambi ngendlela aqonde ukuba amawetu emi—zendele ingambu. Abanye sebebanywe

zintswelo nazingxakeko ukuba babe abakaki zingxande; sinosizi ukuti kweliqela abaswelekile aba- buka imali mhlaimbi inkomo. Umzi kodwa nyivumile into yokuba inakwakiwe izindlu ezite-phuthu. Zininzi izindlu esezakiwe kulo lonke; zininzi ekumiwe ngenyawo ngabaninizo besaka; yabanye njengo Mr. MBEM NJIKELANA e Debe batshisa izitena, abanye bagaula imiti ukuba baqale bake. Ezimbaba siva ukuba u Mr. XHOTYENI utsho ngekambile zisibhozo, eyakiwe yingcibi edumileyo yase Ma-gqunukwebeni u Mr. JOHN MAKO-LOTA. Umzi ungatanda ukuya ngezindlu ezakiwayo kwindawo ngendawo esingavuyayo besenzele imida ngazo abahlobo betu, azoku-qonda nowenze umgcebele ukuba uyashiywa kute cwaka nje. Indawo esibe singatanda sisiva ukuba kuyakiwa kuyo li Ngqushwa, kuba kumzuzu limiwe zizizwe ezintzundu, ngoku kufike ixesha lokuba kuman' ukuyiwa kuhlolwa iziqhamo Kuaykuba yinto embi yakude ishatyulelwe yimilomo emininzi ngokuti iman' ukufunyanwa iqame ngamagqabi odwa. Abakwindawo ezingekacandi sihlala sibeve belila ngokuti asikacandi; siyakwaka pina singenandawo singati yeyetu nje? Batsho bahlele kulamapempe abo angatembisiyo oti kanti umoya wempilo ovela pandle, nowokufa ovela ngapakati; umsi, nokukanya nabantu—ingena yonke lonto ngerobha elinye ! Kanti ongacandileyo nguyena uyakubonwa ngendlu yake epilileyo ukuba kwifanelekile ukuba acandelwe kwindawo enendlu yake efanelekileyo; ipempe eli ahleli kulo ziyona nto imhlebayo kwizipata-mandla. Yininane! le! mawetu; mayipele inteto, kwakiwe !

Impawana.

A.SIBUYI-MVA kwelokuti sivayivala ingxoxo engeutlanganiso le bekusitwa ngayo. Inteto ezingenayo epepi nezingaba ziyaxungena zezite sibhala zaye sesihlalelo ikushicilelwa, ezite azamena ngexesha ngokungabiko kwendawo.”

INKXILA lapipipi elingu McIntosh, lite kwakubon' ukuba kupela iveki ezintbini seloko lenze into enye linxila, leqabu kanti alisazi nalapo likona. Lite “ Ndipi apa?” U Mrs. Iona ute (enga angatoyikisa ukuzi agqibelo) — “ Use hades apa.” Ibonakele itwala imikono inkomo ilila isiti. “ Nawe ulapa! Yo ! Isibeto satn sikulu ngapezulu kokuba ndibe nokusitwala.” Elihalana libonisa ukuba kuko amadoda ahleli nzima ezindlwini zawo ngen' enabafazi, acinga ukuba ne hades ibhetele oko bangekoyo abafazi abo babumzimakubom bawo.

NEYELAMA-NGESI i Palamente ivalwe nge 19 August, ate Umntan' Omhle Inkosazana wawakalisa ukuba usahlalelene ngoxolo nezinye inkosi zalo lonke, ukankanye imvutelnelo ongene kuzo uti'buso wake nowama Jelimeni ngokwabelana ngomhlaba kwelipakati e Afrika nokunikelwa kwesigqiti sase Heligoland esibe sifudula sipantsi kombuso wayokuma Jelimeni. Kwakona ivakalise imvumelano nombuso wase Transvaal ate uyatamba ukuba iyakupelisa inkatazo ezipatelele kwelama Swazi, Iya kuhlangana kwakona le Palamente ngo November ozayo.

KULOMHLATI site ngeveki egqitileyo sakankanya udaba lokungati ikomiti yeutlanganiso le beke kwako ingxokozelo yokusekwa kwayo hke kwisigqibo sokuba iyakwe lento ngokubona ukungamkelwa kwayo ngabantu abangaboni nto izakwenziswa yintlanganiso le intsha ebingafeewa bezesiziko. Ibinga loudawo ingaqondakala ngokumhlope waziswe umzi ngendlela engasakushiya matunzi ezigqondweni ngamagosa entlanganiso leyo, ukuba esisigqibo sinjengoko sesivakele emapepeu kusinina. Oku kuyafuneka ukuze indite zabantu zingabetabeti, baze babe nako ukukangela imicimbi kungeko nto ifumane yanobungcita pambi komzi iyile beke kwangxanyelwana ngayo.

IMVULA isanqabile kanye kulemimandla. Imizi yezikolo ekuti kukangelwe kuyo ukuba itandazele imvula isadukisile. Sesayilima sayihlakula tina ukuba iyawa ite tshizalala-nje iyakuti yakubona ukuba igqitile ixesha lokwenza imisebenzi equtywa ngemyala iqale ukuyenza imitandazo yokuyicela.

INKULU yom'buso weli, u Hon. Cecil Rhodes, usahambele e Kimberley apo afike ngo-Mgqibelo. Kube kuququzelwa zizikulu zakona ukuba adunyswe nge; sidlo esikulu e Town Hall ngemini yayizolo. Okweli xesha amkileyo ebhotwe imisebenzi yenkulu yom'buso ihanjiswa ngu Hon. J.W. Sauer, yaye eye ofisi yemihlaba nokwaka iququla ngu Hon. J. Sivewright.

SISENENGXELO zengxoxo ezimbalwa ezipatelele kwimicimbi, intlalo, nempato yamawetu, ezibeko e Palamente ngoku ibihleli, esiyakuti noko yahlukeneyo simane ukuyupakela zona umzi. Xa senenjalo sionge kwinto yokuba kukwalungelo kumawetu ukuba ati ehleli abe eyazi into etetwayo ngawo, nangento zawo kwi Nkundla epele imicimbi yonke yalozni sipakati kwawo. Kungendlela enjalo esiyakuba nokunakana umphunga ezihamba kuwo into zentlalo yetu pantsi kom'buso. Nangapandle koko yinto emnandi ukuba okupuma kwingqondo zamadoda ngamadoda ngakumbi apambili ngokude apatiswe imicimbi yomzi upela.

UMZI omdala ka Mhlambiso kwa Matole uqalile nawo uyacanda. Unocanda nsinge kona ngeveki egqitileyo. Kucandwa izikonkwane ze morgen ezintlanu (zi akile ezilishumi ezo zomxokeleLwane) eyakuti kwakubon' ukuba banikwe ngabantu itaitile zeziqu banikwe evedlelo ngemida yabo kakade. Kokona kuqalwayo ukweuziwa into zizizwe zakowetu, ebezinga zingangena zicande

[SEPTEMBER 4, 1890.

nebezisanqwanqwa. Amawetu amangala ucando awazi ngangokuba isazi inkonye yetu ukuba ucando netayitile kupela kobungqina obaziwayo kwa Rulumeni apa bokubonisa ukuba umntu unikiwe umhlaba. Yonke inteto namapepa emvumelano angengawo akano—canda nangezizo itaitile awanamsebenzi xa sekutetwa ngomhlaba. Waye u Rulumeni umhlaba engekaurolefi itaitile esubalela ukuba ungo wake angenza ukubona kwake ngawo — ongaba umi kumhlaba wolohlobo usacotshiswe kodwa. Koda kubeumina zicopile ezindaweni ezinebango kuzo izizwe zakowetu ? Ma- kucandwe, kade kudwekeshwa! Canda, uyakolisa mfo weponoyi u Mhlambiso.

IBANDLA le Wesile lishicilele incwadi entsha yamaculo yesebe layo elintsundu. Inamaculo aku 88 awongezelweyo kwabeko kwincwadi le bekuqu-tywa ngayo. Amanye atatyatwe kumaculo apa anteto imnandi ivakalayo ase Rabe; amanye angamntsha kanye; ako ngamanye kodwa atatyatwe kumaculo amabandla e Tshatshi ne Ruta. Imbongi ye Wesile kakade lixego u Rev. H. H. Dugmore; umfi u Rev. J. W. Appleyard uyalandela. Kwawase Rabe kutav- tawe ikakulu kwawabafundisi u Rev. Tiyu Soga, no Rev. J. A. Chalmers. Sifumene icapaza esite sabuka kulencwadana ukuxelwa kwababhali bamaculo, into eyensivayo kwincwadi zama Ngesi. Kwamatsha amaculo sifumana ababhali esivuyiswayo kubalela kudidi lwembongi zomnqamlezo esingabalula umfundisi u Rev. Paulos Sepamla ose Matatiele ngoku obhale amaculo ayangomxhlo. Ngu Rev. E. J. Barrett obepatiswe indawo epambili ukulungiselela, saye sivuya naye ngokubamhle komsebenzi wake esiwubona kulencwadana. Ziseko apa napaya iziposiso zabashicileli emagameni esitembayo zolungiswa kwiqela eliyakubuye lishicilelwe.

Ipalamente.

NGEMFUNDO.

Ngomnye umhla xa kwaye kusabiwa imali zokahambela imicimbi yobu Rulumeni kwabako ingxoxo kwakufikwa kwixabiso £128,750 lokuxhasa intfundo.

U Mr. THERON (Richmond), wakalazela ukuba i mfundo yesi Bhulu ingakutazwa ngum'buso kuba namapepa ezamanishoni e bhalwa ngenteto yesi Ngesi.

U Mr. VAN DER WALT (Colesberg), utelele, wayesiti ubona ukuba kubo imali eyongezelilekileyo kwisebe le sinala zabamya. Ekangele yena inetevu zinikwa amalungelo abangenawo abamhlope. Imidaka ihlala isheleni qa ngenyanga ukuhlalilela imfundo, utsho wati umisa ukuba ixabiso le £123 elongezelweyo kwlisebe linga-vunyelwa.

U Mx. LE ROEX (Victoria West), urorele ukungakutazwa kwe Datschi li Bandla Lemfundo Epakamileyo. Uyayiyeka lonto okwalonyaka kodwa ngozayo akasakuyi. xhasa lemali. Waye kanjalo engaboni nto abayenzela yona lencto ngezikolo ze netevu. Ezizikolo azinamsebenzi. Akuko nto ifumana yona South Africa ngokuqegeshwa ko Kafile emashishini. U Kafile ufumana amalungelo ngapezu komhlope. Yena elake lelokuba imali enga £3,000 yezikolo zo Kafile iguzulwe.

U Mr. DE VOS (Worcester), ute yama tumba ukuba amalungo abekelileyo ate angenisa lamacebo okuncitshiswa kwemali ayakuwuroxia. E Wusta (Worcester) nakwezinye indawo ziko izikolo ezifundisa amashishini zabamhlope. Kuyakuba yi. ngeniso kweli lizwe ukuba imi yetu zifundisive amashishini. Izikolo zamahlelo eramente azifanelwe kuxhaswa ngu Rulumeni; uyabona ukuba kubo ezixhaswayo kulengxelo yemali ipambi kwabo. Ungaezo mali zingachazwa.

U Mr. FRÖST (Queenstown), ute ubenga tan da ukuya okucingwa ngu Mpatiswa- Bantsundu ngalomcimbi, obufanele ukuba semandleni ake endaweni yokubapantsi ko Mpatiswa-Micimbi ye Koloni.

U Mr. FAURE Umpatiswa-Bantsundu) ute awusemandleni ake lomcimbi. U Mr. SAUER (Umpatiswa-Micimbi ye Koloni), ute imali eliti mayincitshiswe ilungu elibekelileyo lase Colesberg incinane kakude, atembayo ukuba ilungu elibekeli. Ieyo alisakuyitinyanzela into leyo. Uvumelana kanye nelungu elibekelileyo lase Wusta, kwelokuba uncedo malunikelwe kwizikolo zabamhlope kangangoko lunikwa kwezabantsundu, wayevumelana naye kwe-

lokuba kulungile ukuba abantsundu bafundiswe ihamba, ingekuko ukudlala uhadi, kulungile ukuba bafundiswe ukuba zimesilani ezilungileyo, nabasebenzi bamashishini ukuze babe nako nokwakela amafama amadam; ngalondlela imali yetu ayebingicela icitlwa kokungentla, banye nabantsundu beyakuncedwa yimfundo.

Emva kwalentoto ingxoxo irwaqelele pezulu kwizifundo ze University, ete yalawula amadlala ngo Messrs Marais, Merriman, yatetelelwa ngo Messrs Fuller, Ohlsson. Kulungileyo kutetwe ngezinkolelo ezizi koliji zabambole, kwatlela o Messrs Vintcent, Sauer, Krige, Faure, Luttig.

Isipelo sengxoxo ibe kukuba amacebo oMessrs Van Der Walt no Le Roex, aqeqe kungadanga kwahlulelwane.

NGOTSHILO LWABAKWETA.

Umteto owawungeniswe ngu Mr. Trower ilungu lesitili se Bini (Albany), awubanga nangoxo kwi Nkundla yokuqala, kweye Ngwevu ungeniswe ngu

HON. MR. WILMOT, ote engenisa ukuba uwezwe kwinqanam lesibini, utshilo lu. qutywa zinetevu zelase ma Xhoseni ngamadodana akuba lixabiso elitile lobudala. Elake yena lelokuba kumzi wobu Kristu onjengalo into ezinjengokutshila ngeziqungu uyaniswa. Utyelwe ngu Captain Brabant ukuba lamayeyeye ati ngeminye iminyaka aqutywe nokuba ziyanga ezintandatu ubambe nzima umsebenzi kwizibuko lase Monti. Into engumangalisu kuye kukuba abe ate anyanyezelwa ixesha elide kangaka. Ungati mhlambi wakufika kwelilandelayo inqanam lomteto kukangelwe nentlonjane ezilisiko ke zona elibhekiselele kwintombi. Omabini lamasiko angamasikizi. Kodwa akasakuyenzela zwi intonjane kwinqanam le Komiti ade abe ute waxesha ngu Eulumeni.

U HON. MR. BOTHA ute akakolwa ukuba umngenisu obekelileyo walomcimbi ubanike nesiqingata esi sencazo ebifuneka. Baceelwa ukuba banqumamisa utshilo nemixhento yentlonjane— ziyintonina ke ezonto ? Izilumko zo Kafile ziya kwayibiza ngamagama wambi lemidudo. Lomteto awulilo nexabiso lepepa eli ubhalwe kulo. Ungeniswa yena icebo lokuba uqetulwe.

U HON. MR. EBDEN ute ucinga yena ukuba elicibo lilibakala ukusivga kweyona mfanolo. Ezizinto kutetwa ngazo zingazi. peliswa kwangoku, ute nqa yena ukuba zibe zibezingantanga zapeliswa kwangampibili. Akaboni nto iyakuxaka ekuquqondeni into owenzelwa yona umgidi. Nabanina utazi ukuba lemeyezelo ivelisa mkatazo eninzi, lamasiko obuhedeni mawapeliswa kwakamsinyane. Uyatembala ukuba lbhunga liya kuwweza kwinqanam lesibini.

U HON. MR. BOWKER ute akaboni ukuba banako ukwupelisa oludanisno, wati lomteto mawuqetulwe.

U HON. DR. ATHEBSTONE ute akaqondi ukuba uninzi lwamanene abekelileyo akoyo luyayazi lemidanisno ingamanyumyezi. Angasuka ati waka wawubonela yena, kwaye kungeko nto igqite yona ngokuncola nokuhlambela umntu. Iruqle kanye kwelise ma Xhoseni, kwaye kwakamsinyane ipelisiwe kuyakubabhetle. Bonke abantu abakumbulekileyo abantsundu banga inganqunyeliswe.

U HON. MR. VAN DEN HEEVER ute ubengalindele ukuba into enje enlonyeni womndululo ngoxo obekelileyo. Ukuba aba bantu bamnyama banemihlali ekudaniseni, intoni, bayekeni badanise. Nabamhlope bayadanisa, nganina bona bamnyama? Inene elibekelileyo liti beza bepantse ukuba kulomxantso beqabe ifuta, kodwa esi sivato saba somdaniso. (Kwalekwa) Ukuba nati sidanisa asinako ukwenza umteto wokubanganda. Umteto olungileyo, ebesingati tina njenga ma-Kristu siwungemse, ngopelisa izitembu.

U HON. MR. INNES (Umqondisi-Mteto) ute iyavakala inteto yonke yamanene ete yawa pezu kwalengxoxo, kodwa akubonakali nezo yemigidi ivakalayo ikoyo kulo mteto upambi kwe Bandla; kodwa lonto ingalungisa ekomitini. Mayelana no Rulumeni into le kutiwa mayenziwe akayihasile kuba kube kungakuhle lamayeyeye engekko, kuba akuzondakali kulunga kupuma kuwo kuxhanyulwa ngamafama nangabantsundu. Uluvo luko ngokubanzi kwelase ma-Xhoseni ukuba ezizinto mazelipelise. Into kodwa anga angayicela kumndululo obekelileyo kukuba angalikaulenzi ibakala elilandelayo ade u Rulumeni agqibe ukupanda njengokuba efuna ukuqonda ngapezulu mayelana nokuqutywa kwalo mteto. Ukuze uhanjise ngemfanolo kungati kufu neke amagosa akwa Rulumeu ukuba awuhambise, into ke leyo engaba nendleko. U Rulumeni usatbate uluvo lwemantyi zelase ma-Xhoseni mayelana nendleko kwanoloboko ongaqutywa ngalo lomteto wakubon' ukuba uvunyelwe.

U HON. MR. BROWN ute yena into amangaliswe yiyo kukuba nbe lomteto ubungangeniswanga kwiminyaka eyadlulayo. Yinto ekapukapu ukwahlula umdaniso wabakweta kweminye. Akaboni ukuba indleko iyakuba nzima.

U HON. MR. ME UR ANT, utete ngecala lokuwuxhasa umteto lovo.

U HON. MR. BOTHA, uliroxisile icebo lokuqetula, waba ke uyawezwa kwinqanam lesibini.

Kute mhlaba kwabonakala ungeniswe kwi nqanam le Komiti lomteto ingu Mr. Meurant esiblalweni.

U HON. MR SAUER (Umpatiswa-Micimbi ye Koloni), ute pambi kokuba ihambe lomteto unamanqakwana ambalwa anga angawabhekisa. Kuqala angati lomteto awungeniswe ngu Rulumeni, ekute xa nbe nkwenye lukundla inteto yo Mpatiswa-Bantsundu ayabi iyokuwuxhasa lomteto efumene ukuba incito iyakubankulu ukuwuhambisa lomteto, kwaye kuyakufuneka kungezelwe inani lamapolisa. U Rulumeni, akaboni ukuba kuko nto ingababanga ukuba bavumise ngobungxamo umteto wulohlobo. Angalivisa Ibandla, ukuba kuko incwadi zicingo ate wazinikwa kwangayo lomni — impendulo kwimibuxo ebibhekiswe ko mantyi belasema Xhoseni— ezite zavakalisa uluvo oluchaseneyo nomteto lo. Angalixelela Ibandla kwakona ukuba lomteto ukungeniswa kwawo kwelinye Ibandla ute wahluke kanye kwinto oyiyo lo, kuba wona ube upelisa ukutshila ezifaneni nakumhlaba ongoka Rulumeni. Akakolwa ukuba Umpatiswa-Bantsundu uyakolwa nakancinane yilemiyeyezelo yabakweta,

yaye iyimfanolo yake ukuba abhunge nabapatiswa bakwa Rulumeni abanamava abakwelasema Xhoseni. Ekubonakalayo ke okwangoku, ukuba kubekwe nxamnye ipika kulomcimbi; laye lisazi Ibandla ukuba kufuneka kunene ukuba ingabhuduzelwa imicimbi yonke engentlana ezintsundu. Uyatembala ukuba oluluvo aluvakalisayo loti lube kwalulowo lwe Bandla, waye engatanda kubeko ilungu elingenisa icebo lokuba Umpati-Sihlalo asishiye isihlaba ke oko kuwugqiba lomcimbi okwanonyaka.

U HON. MR. WILMOT ute emva kwenteto yo Mpatiswa-Micimbi ye Koloni uyakuti mayike ngekwe um'beko ingxoxo ukuze babuye bayiqube.

U HON. MR. EBDEN ute emva kwenzatu zengqondo ezanekwe ngu Mpatiswa-Micimbi ye Koloni ngebenqumama nalo mteto. Nokungeniswa lilungu elingenguye u Rulumeni bekungamanelisile, utsho wangenisa icebo ebefimise ngu Mr. Sauer.

Icebo lika Mr. Ebden lamkelwe waba uyaxoxiswa umteto ongabakweta.

EZABA BHALELI.

KUCINGWA NTONINA?

DEAR MR. EDITOR, — Ndivumele ke ndenze lombuzo. Njengokuba u Foli (Secretary for Natives Affairs) eti e Palamente usayukuke azanelise ngokuza kweli labantsundu nje, licinga ntonina Iliiso-Lomzi? Kucingwa ntonina zizizwe zabantsundu ekutembeka ukuba uyakuhamba kuzo, ezinjenge zanganeno kwe Neiba, nezapesheya kwaye ezase Batenjini, J Hewn, Amampomdome, Amabhaca, Amaxesibe nazo zonke zizwe ezipantsi kokongamela kwake. Zona ezama Mpondo ziyakuti tu na? Azisayikwenza ntona? Ndiyibiza lemibuzo kuba kufuneka kuko into eyenziwayo, ngati nokulungiselelwa kwangoku, kuba kaloku singumzi ohlangana kade, andazi nokuba umzi ungacinga ukuti akukabiko sizatu sokuba uhlangane nayena u Foli (Faure) kodwa njengokuba sibekwe esandleni sake zininzi indawo ezifuna ukuba sihlange naye, noko ndingasokuzikankanya. Mandime ndisesako isisaka u—

T. B.

Falconer, 30 August, 1890.

UKUCHITWA KWEMVISISWANO.

